

ABAQESHWE ABANYUSELWE DISEMBA 2013 - JANYUWARI 2014

ABAQASHIWEYO NGO-DISEMBA 2013

Mnu. D J Rooy Umncedisi-jikelele: iiPaki
Mnu. B P van Vuuren Umncedisi-jikelele: iiPaki
Mnu. C E Muller Umncedisi kwizibonelelo zangasese: eHawston

ABAQESHWE OKWEXESHANA NGO-DISEMBA 2013

Mnu. C Aplon Umhloli wezakhiwo - 03 Janyuwari 2014

ABANYUSELWE NGO-DISEMBA 2013

Mnu. P J de Gruchy Igosa lezeendlela
Nks. I Jones Umhloli wezakhiwo
Mnu. R J Buckle ISupharinthendenti ePhezulu:
Unatyiso-zinkonzo/Metering
Mnu. R J De Swardt USombane oPhezulu
Mnu. D A Lamont UNogada: KwezoMbane
Mnu. R B Hansen UNogada: KwezoMbane

ABAQESHWE NGO-JANYUWARI 2014

Mnu. G W Eager Umncedisi Jikelele: KwezoMbane
Mnu. E R Geduld Umncedisi Jikelele: KwezoMbane
Mnu. E S Keyzer Umncedisi Jikelele: KwezoMbane
Mnu. T K Mac Kenzie Umncedisi Jikelele: KwezoMbane
Mnu. D E Kariem Umhloli-zakhiwo

ABAQESHWE OKWEXESHANA NGO-JANYUWARI 2014

Mnu. C Aplon Umhloli-zakhiwo: 6 - 24 Janyuwari 2014
Mnu. M E George USombane: 13 Janyuwari 2014
Mnu. P J Roux Osebenza efunda -
UYilo-Dolophu: 15 Janyuwari 2014
Nks. R D Oncker Umsebenzi wekhontrakhi: Stony Point - 30 Juni 2014
Mnu. M D de Bruyn Umsebenzi wekhontrakhi: Stony Point - 30 Juni 2014
Mnu. K Mbhele Umsebenzi wekhontrakhi: Stony Point - 30 Juni 2014
Nks. T Qutu Umsebenzi wekhontrakhi: Stony Point - 30 Juni 2014

MEET NEW EMPLOYEES



u-Barend Van Vuuren,
Kwipaki
eGansbaai



u-Charles Muller,
Kwipuli
yaseHawston



u-Darryl Kariem,
Kwicandelo lezokwakha
Umhloli wezakhiwo



u-Desmond Rooi,
Kwipaki



u-Elton Geduld,
Kwisebe lezombane
Umncedisi jikelele



u-Evan Keyzer,
Kwisebe lezombane
Umncedisi jikelele



u-Glynn Eager,
Kwisebe lezombane
Umncedisi jikelele



u-Tyrol Mackenzie,
Kwisebe lezombane
Umncedisi jikelele



u-Lucille Antonie,
Umncedisi kwithala
lencwadi



u-Yoliswa Konzapi,
Umncedisi kwithala
lencwadi

U Suku lwabathandanayo lolonwabo!



U suku luka Valentine lusuku wonke umntu abonakalisa uthando lwakhe kwabanye, nokuba ngulowo osenyongweni kuye, abahlobo bakhe okanye abosapho lwakhe. Abanye abantu bakholelwa ukuba uthando lwale mini lolwabo basenyongweni kuphela kanti akunjalo. Mothuse uValentine wakho ngesipho umthumele umyalezo osuka entliziyweni ukwenzela ukuba olu suku lukhumbuleke nangakumbi. Okanye umbhalele umbongo uvakalise uvakalelo lwakho. Okanye ubeke intyatyambo edesikeni yalo mntu umweleyo. Injongo kukwenza ukuba azive efana yedwa ekhathalelwe. Usuku ngalunye luphile ngobungamsha ubonise ukuba unenkathalo. Uvuyo onalo lulingana twatse nothando olunika abanye. **Nibe nosuku lukaValentine olumyoli!**



INQAKU LOMHLELI

PHILA UBOMI OBUNEMPILO

Namkelele nonke!

Olu lupasho lwethu lokuqala kunyaka wama-2014 kwaye uninzi lwethu selubonakalise umdla kwizihloko eziza kuxoxwa. Ndiyinqinisekisa ukuba amabali nengcaciso ekolu papasho iza kuba nomdla kuni kwaye niza kuba nebhongo lokuba yinxalenye yombutho esebenzela ukuba "sembindini wokwenza kakuhle kakhulu kuluntu".

Zininzi izinto eziza kusigcina sixakakile apha enyangeni kodwa ukuqinisekisa ngesona sicwangciso sexesha nokucwangcisa ezi veki zizayo kubalulekile ukuqwalasela imihla ebalulekileyo neeholide. Mininzi imixholo esinokubhala ngayo kodwa siza kuqwalasela emibini kuphela eza kuba luncedo kubantu abaninzi - USuku loMhlaza lweHlabathi ngomhla we-4 noSuku lwaBathandanayo lomhla we-14.

Umhla we-14 kuFebhruwari lusuku apho abantu abaninzi kwihlabathi bebhizozela usuku lukaValentine. Lusuku uninzi lwethu esimthengela into eyodwa umntu esimthandayo ukubonisa uthando lwethu kuye nokumxabiswa kwethu. Ukuthanda umntu nokuthandwa yinto emnandi kakhulu kodwa uva kamnandi kakhulu xa ubonisa omnye umntu ukuba uyamthanda. Usala wonwabile xa usazi ukuba wenze omnye umntu wavuya. Nika nawe uza kuzuba. Kwa-bathandanayo... qinisekisa ukuba nilugcina luvutha uthando lwenu ngomhla kaValentine nasemva koko yonke imihla. Ukuba kukho omthandayo kodwa ungekamxeleli intyatyambo engenagama iya kumvuyisa lowo!

Kwanelle ngothando! Mandikubuyisele emva ekuqaleni kwalo nyaka xa wawusenza izibambathiso zonyaka omtsha! Usenalo uludwe lwezinto owawuzibekile? Lufunde kwakhona uzikhumbuze ngingqweni yakho emihle. Usesemkhondweni? Ukuba kunjalo uqinise ngomonde nangokukhuthala. Ngokwenza njalo uza kuba ngomnye wabathi yonke into iza kuba kakuhle kwelam icala. Bonisa ukuzinikezela nokuzimisela ekugqibeleni uya kuphumelela.

USuku lweHlabathi loMhlaza sisiganeko sehlabathi lonke esingomhla we-4 Februwari minyaka le. Lo mhlaza umanya uluntu lwehlabathi ekulweni nomhlaza. Injongo kukusindisa abantu abazizigidi ezininzi bangabulawa kukufa okunokuthintelwa ngokufundisa nangokwenza abantu bazi ngesi sifo, kunyanzelwe oorhulumente nabantu kwihlabathi lonke ukuba bathathe inyathelo.

Kule ndawo yethu sikhuthaza abo baleleyo ngenxa yesi sifo sibhiyozele ubomi babo basoyisileyo esi sifo. Ngomhla we-15 nowe-16 Matsi 2014 sinokhuphiswano lokubaleka oluyiCANSAS Relay lokuxhasa aba bantu. Yiza kuthatha inxaxheba kulo msitho ufumane amava olonwabo kweli nyathelo lakhayo. Kananjalo nangona ungekaguli okanye kungekabikho mntu usondeleyo kuwe ogula sesi sifo yinto elungileyo ukuza kuxhasa abo sele begula. Akukho mntu waziyo ukuba esi sifo uya kuba naso nini na. Impilo entle yinto enexabiso elikhulu kwaye ngale ndlela singabonakalisa umbulelo wethu omkhulu. "Thatha inxaxheba ubonise ukuba uyakhathala".

Okokugqibela uMasipala weOverstrand kwakhona uphinde wanikwa iwonga lokuba ngomnye wabona masipala baqhuba kakuhle waza umhloli wezimali wasinika ingxelo engenachaphaza! Kwintlanganiso eyodwa yeBhunga uSodolophu wazise ngebhongo ukuba emva kweminyaka emithandathu yokufumana ingxelo enechaphaza ekugqibeleni siyifikelele injongo yethu yengxelo engenachaphaza. Simele ukuba sibe nebhongo ngento esiyenzi-leyo yokuba iOverstrand ihlale iphakathi kwabaphezulu kwabona baphezulu.

De kube lixa elizayo.

Noluthando Zweni
Editor/Umhleli



ABALAWULI BACHULUMANCILE YINGXELO YOHLOLO-MALI ENGENACHAPHAZA

UMasipala weOverstrand kwa-khona uphinde wafumana ingxelo yohlolo lwezemali engenachaphaza kunyaka-mali wowama-2012/2013. USodolophu ukwazise oku kwintlanganiso eyodwa ebibanjelwe kwiOdithoriyam ngoLwesithathu, umhla wama- 22 Janyuwari 2014, xa bekungeniswa ingxelo yonyaka esaqulunqwayo.

"Entshona-Kapa bali-11 kwaban-gama-30 oomasipala abafumene ingxelo engenachaphaza kwaye iOverstrand ngomnye wabo," utshilo uSodolophu weOverstrand uNicolette Botha-Guthrie.

NgoLwesithathu umhla wama-22 Janyuwari uSodolophu wenze esi-saziso kwintlanganiso eyodwa apho bekungeniswa ingxelo yonyaka es-

aqulunqwayo. UMasipala weOver-strand ufumene ingxelo engenachaphaza iminyaka emi-6 ilandelelana -ukususela ngowama-2006/07 uku-ya kowama-2011/12. Ingxelo engenachaphaza ithetha ukuba nangona iimeko zikamasipala bezintle kodwa zikho ezisafuna ingqwalasela.

Xa yonke into yenziwe ngendlela yayo ingxelo iba yengenachaphaza - kuxhomekeke ukuba izibonelelo zikarhulumente zisetyenziswe ngokukuko kwizinto ezimele kuse-tyenziswa kuzo.

Ngokomhloli-zimali-jikelele:

akukho zinto zigwenxa kwingxe-mali ezifakwe nguMasipala ela-ela iCandelo 122 le-Local Govern-ment: Municipal Finance Manage-

ment Act, No 56 wowama-2003;

- akukhange kube kho zinto zinxamnye nemithetho nemigaqo kaMasipala;
- kananjalo akukhange kube kho zigwenxa kwingxelo yendlela asebenze ngayo uMasipala kwaye ingxelo enikiweyo ithembakele.

Oku kuthetha ukuba kunyaka-mali wowama-2012/13 uMasipala weOverstrand ufumene ingxelo engenachaphaza kwezizimali nangokunikezela iinkonzo.

USodolophu ubulele wonke umntu obe negalelo ekufumaneni kuma-sipala ingxelo engenachaphaza waqinisekisa wonke umntu ukuba uMasipala weOverstrand usezan-dleni ezihle neziyaziyo into eziyen-zayo.

UMLAWULI OMTSHA EKLEINMOND

Ukuqala ngomhla wo-1 Matsi 2014 uDesmond Lakey uza kuba ngum-lawuli omtsha waseKleinmond. Ungena ezihangwini zikaCecile Jonkhaid othathe umhlalaphantsi ekupheleni kukaDisemba.

UDesmond unemfundo equka izidanga ezibini kwezomthetho. U-igqwetha elivunyiweyo kwaye kule minyaka isixhenxe idlulileyo ebey-intloko yeSebe lezomthetho kumasi-pala waseOverstrand. Kwezinye iziqinisekiso zakhe zemfundo unaso solawulo lwezimali zikamasipala awasifumana kwiYunivesithi yasePi-toli ngokokumiselwa ngumthetho.

"Njengomcebisi oyintloko kw-ezomthetho iminyaka emininzi ndidibene nemingeni emininzi ka-masipala ekwiinkalo ngeenkalo kummandla oyintloko ingakumbi umasipala ebonwa njengendawo yolawulo lwezasekhaya efanele ukunceda uluntu ngezibonelelo ez-inqongopheleyo. Kungesi sizathu endibona kufanelekile ukuba njen-gomlawuli omtsha waseKleinmond ndizibophelele kwiinjongo ezipham-bili zebhunga nezinokufikeleleka ndisebenza kwimida yomthetho nezomthetho wezemali," utshilo uDesmond.



UDesmond Lakey

IMPUMELELO YENKQUBO YEMISEBENZI YOLUNTU ENATYISIWEYO (EPWP)



Inkqubo yemisebenzi yoluntu enatyisiweyo (EPWP) lelinye lamanyathelo karhulumente kazwelonke elixhaswa nguRhulumente weNtshona-Kapa. I-EPWP ijonge ukubonelela ngokucuthwa kobuhlwempu ngokubonelela ngemisebenzi yexeshana kwabo bangaqeshwanga ngokuthi benze imisebenzi eluncedo eluntwini.

Amaziko oluntu kuwo onke amanqanaba karhulumente (ngokwezinto amele kuzenza nohlalolwabiwomali lwawo) namacandelo angengawoluntu (exhaswa yinkuthazo karhulumente) adala amathuba omsebenzi kwabo bantu baseMzantsi Afrika bangaqeshwanga nabangenanto ngobonelelo lweenkonzo zoluntu. Uqeqesho nophuhliso kwezoshishino

lwenziwa kwiinkqubo ezithe ngqo kolu hlobo lomsebenzi ukwenzela ukunyusa umgangatho wokunikezela ngeenkonzo nemeko yokuphila yabo zenzelwa bona ezi zinto.

UXolelwa Tenge, umsebenzi weEPWP, ubalisa elakhe ibali lempumelelo kule nkqubo nendlela ebushintshengayo ubomi bakhe: "Ndakhulela kwindawo eneengxaki endandingenalo ithuba lokuya esikolweni. Kuzo zonke iingxaki endandindazo andizange ndithafe kwiinjongo zam. Njengentombi esencingeni ndikhulela kwindawo eneengxaki ndingenabazali ndabanokubhida ndaneengxaki kodwa loo nto yandomeleza ndasebenza kakhulu. Ndaqaphela ukuba ngokuza eNtshona-Kapa mininzi imingeni endiza kudibana nayo ndishi-

ye ukukhuseleka kwam ngasemva eMpuma-Kapa. Ndandingenalwazi lwento endizisa kuyo kwikamva lam. Ndandinabantwana ekufuneka ndibakhulisile ndisentlungwini yokungazi ukuba imali ndiza kuyithatha phi - yaba yintlungu enkulu ke le nto. Ndazibona ndingelutho ndilahlekwe bubo bonke ubuntu bam nesidima sokuba ngumntu. Loo minyaka yayinzima kakhulu kwaye yindlela endandisiva ngayo!

Ekugqibeleni imithandazo yam yaphendulwa. Ndaya kufuna umsebenzi kwiSebe loPhuhliso lwezoQoqosho nezokhenketho - into eza kundenza ndikwazi ukondla abantwana bam. Ndancediswa ngabantu abachukumisekayo libali lobomi bam; abantu ababezimisele ukumamela bayikholelwa into

endandibabalisela yona.

Ngenceba kaThixo ndafumana ifoni evela kwiSebe le-LED ngethuba babegaya abasebenzi bemisebenzi yokucoca ye-EPWP. Ndandingazange ndicinge ukuba ndingaze ndifumane umsebenzi ohloniphekileyo ndamkele umvuzo nge-ATM. Ndiziva ndiwongekile kukusebenzela i-EPWP. Le nkqubo ibutshintshengayo ubomi bam nomgangatho wokuphila kwam.

Ndingwenela ukubulela owayesakuba ngumongameli uThabo Mbeki ngokuqala le nkqubo; isindisa ubomi babahluphekileyo! Kananjalo ndinqwenela ukubulela iSebe le-LED ngokundinika eli thuba."

AMASEBE AXOKA NGEENDLELA ZOKUPHUCULA INDLELA YOKUSEBENZA

ICandelo leeNkonzo zoKhuselo liyaqhuba ukubonisa ukuwuthatha ngenkathalo enkulu umsebenzi walo, oku kungqinwe yi-workshop ebibanjwe ngoLwesihlanu umhla we-7 Febhuwari 2014 kwiGlaskas apho abameli abebevela kwiNkonzo zezoNyango zikaXakeka zeNtshona-Kapa, abeZocino-mthetho baseOverstrand, abeZeendlela, iGumbi loLawulo, uSAPS noNSRI babonise ngezicwangciso zabo zokusebenza ukwenzela ukunika umfanekiso wezicwangciso zesebe ngalinye ukuqinisekisa ukulawuleka kweziganeko ukwenzeka kwazo.

Le workshop ibiqhutywa ngokuququzelelwa yiOverstrand Fire & Rescue and Disaster Management. Icandelo ngalinye linike inkcazelo yowona msebenzi walo nezinto elinazo zokwenza lo msebenzi xa kuthe kwehla into enkulu okanye intlekele.

Kule workshop kuye kwacaca ukuba zonke iinkonzo zinenjongo efanayo ekukusebenza kunye. Njengenxalenye yengcaciso kuye kwenziwa uqhelwaniso olundindindidi lwezicwangciso zowama- 2014, apho bonke abathatha inxaxheba bebethatha inxaxheba.

Kuvunyelwe ngesicwangciso esimanyathelo mathathu.

Inyathelo 1 - Inkonzo nganye yenza umboniso wowona msebenzi wayo.

Inyathelo 2 - Ukuziqhelanisa okubonisiwayo.

Inyathelo 3 - Ukulingisa uziqhelanisa.

La masebe ayakholelwa ukuba izicwangciso zangaphambili zeendlela zokujongana neziganeko ziya kuqinisekisa ukulawulwa kwezinto.




Emfanekisweni ukusuka ekhohlo: Lester Smith (Intloko: Ulawulo lomlilo & ukusindisa & intlekele) Steven Drury (iSup. Ukusebenza kwezothutho) Dawie Esau (Umhloli ophezulu: ukhuseleko), Angelo Aplon (Umcimi-mlilo ophezulu), Xen Titus (iSup. eZezithuthi), Brian Lobb (Igosa lecandelo) Angelo Mitchell (Igumbi lolawulo) noMarlu Rust (Igosa lecandelo)

IMINCILI & USIZI

IKLASI KA 2013

Abantwana baba basebenzi baseHermanus baphumelele iimviwo zeMatrikhi.


Siyavuyisana nabo!



uCharlton Harper

Unyana kaDinah Harper uCharlton uphumelele iimviwo ze-NSC eGansbaai Academia High School

uNico van der Westhuizen
Unyana kaLiezl van der Westhuizen uNico uphumelele emagqabini kwizifundo ezine kwaye uza kuya kufunda kwiYunivesithi yaseStellenbosch



uSinalo

Intombi kaBongi Maliwa uSinalo uphumelele iimviwo ze-NSC eHermanus High School

uJurgen Matschke
Unyana kaWehlma Matschke uJurgen ufumene izifundo ezithathu ngeenkwenkwezi kwaye uza kuya kufundela ubunjineli kwiYunivesithi yaseStellenbosch



uGabby Fisher

Intombi kaRozella Fisher (Imali-ngenisu) uGabby uphumelele emagqabini kwisifundo esinye.




uDemi Dickson

Intombi kaEsmarald uDemi Jane obengumfundi eBoland college eKleinmond ubenze banebhongo abazali bakhe ngokwenza ngaphezulu kunoko bekulindelwe. UDem uziphumelele emagqabini izifundo ezi-5 kwezi-7. Nazi izifundo zakhe neziphumo zazo:

Office Practice L2 88
English first add language L2 83
Life Orientation L2 91
Business Practice L2 91

Simnqwenela okuhle uDemi kuzo zonke izifundo zakhe. Akwaba angaghuba ebezane babe nebhongo abazali bakhe nesikolo sakhe.



uKaila Engelbrecht

Intombi kaCarlow Engelbrecht (IT) uKaila, uphumelele emagqabini kwisifundo esinye kwaye uza kuya kufunda kwiYunivesithi yoMntla-Ntshona

DIBANA NENDODA ENESANDLA SOKWAKHA IIMBASA



uAlbert Lourens



U-Albert Lourens umchweli kwicandelo leenkonzo zoluntu ngumsebenzi onesiphiwo. Kulo nyaka uphelileyo umasipala wayefuna umntu onekuyila iimbasa esasinazo ndaza xa ndandithetha naye ndimxelele ukuba andifumani mntu wokusiyilela iimbasa zosuku lokunxiba nje nelokubonisa wazinikela ukuba uza kuyilela umasipala into efana yodwa ndaza ndothuka kakhulu esakuzizisa kum e-ofisini kwaye ndandingakholelwa. Wenza iindidi zantathu ezahlukeneyo ezenzela izigaba ezithathu ezahlukeneyo. Qinisikisa ukuba uza kuthatha inxaxheba kulo nyaka kwizinto eziqhubekayo wenzela ukuba ufumane enye kwiimbasa zethu uyigcine unyaka wonke. Ndingwenela ukubulela uElbert ngomsebenzi wakhe omkhulu awenzileyo nangokusibonisa isipho anaso.

NGXATSHO KE!

Ngomhla wama-28.01.14 uJuan Havenga (ibambela-forimani kugutyulo-lindle) nenkosikazi yakhe uLeisha Havenga bafumene usana oluyinkwenkwe (uOwen Havenga).

UVELWANO OLUNZULU:

Ngokusweleka kukatata kaLis Carolissen osweleke ngoLwesibini umhla we-14 Janyuwari 2014. Nincede nilukhumbule olu sapho kwimithandazo yenu ngeli xesha lobunzima. ULis usebenza kwicandelo loKhuselo: iSebe leZezithuthi.

UNyamezelo Matsha, ugxa wethu kwicandelo lokusebenza kukamasipala uswelekelwe yinkosikazi yakhe uSiya, osweleke kule veki iphelileyo ngomhla we-7 Febhuwari. Sicela ukuba yena nosapho lwakhe nibeke emithandazweni.

IKLASI KA 2013 YABASEBENZI BASE OVERSTRAND

Impumelelo kwiiNkonzo zeZombane: eGansbaai

Siyavuyisana noDanvor Valentine, uMelvin Oliphant noCalvin Temmers abaphumelele iimviwo zabo ze-NSC.



noDanvor Valentine



uMelvin Oliphant



noCalvin Temmers



noLorenzo Pedro

Siyavuyisana noLorenzo Pedro uphumelele uvavanyo lwezombane wazifumana iincwadi zakhe zokuba ngusombane.